

Ingaba akhona nyhani amabhenxa?

Ibhalwe nguLesley Beake | Imizobo nguTamsin Hinrichsen



Isikolo siphumile. Lixesha lokugoduka.

USamuel noMaryanne bayahamba, bayagoduka.

“Ingaba akhona nyhani amabhenxa?” uSamuel abuze kuMaryanne.

“Ewe.”

“Azimbovane?”

“Hayi.”

“Angamabhere?”

“Hayi.”

Abantwana bayahamba, bayahamba.

“Ingaba amabhenxa makhulu?”

“Ewe.”

“Anamandla?”

“Ewe.”

Abantwana bayahamba, bayahamba.

“Ingaba aza kusitya?”

“Hayi.”

“Atya ntoni?”

“Imbovane.”



Abantwana bayahamba, bayahamba.

“Ingaba amabhenxa ahlala emithini?”

“Hayi.”

“Ingaba amabhenxa ayabhabha njengeentaka?”

“Hayi.”

Abantwana bayahamba, bayahamba.

“Ingaba amabhenxa ahlala nabantu?”

“Hayi.”

“Ingaba amabhenxa athanda ubusi?”

“Hayi.”

UMaryanne uyema. USamuel uyema, kodwa hayi ngokukhawuleza ngokwaneleyo. Uhamba agile uMaryanne. Ubonakala ekhathazekile.

“Ingaba amabhenxa...”

UMaryanne uphakamisa isandla sakhe.

“YEKA UKUBUZA IMIBUZO!”

“Kodwa ...”

“YEKA!”

UMaryanne ubonisa uSamuel isakhiwo esincinci. Kukho umbhalo kwesi sakhiwo.

ITHALA LEENCWADI.

USamuel ujonga uMaryanne.

“Ingaba phaya bayazi ngamabhenxa?”

“Ewe.”

USamuel ujonga kwithala leencwadi.

“Ndingene?”

“Ewe.”

USamuel uyangena. Ithala leencwadi ligcwele ziincwadi. Kukho amakhulukhulu eencwadi. Mhlawumbi kukhona amawaka eencwadi. USamuel uza kuyifumana njani incwadi engamabhenxa?

“Ewe?” kutsho indoda enobubele.

“Ingaba unayo incwadi engamabhenxa?”


Ancume usothona.

“Ewe.”



Indoda enobubele imphathela incwadi. USamuel uhlala etafileni ukuba ayijonge.

- Amabhenxa makhulu – makhulu ngaphezu koninzi lwezinja.
- Amabhenxa atya iimbovane nezinye izinambuzane.
- Amabhenxa azakhela amakhaya phantsi komhlaba.
- Amabhenxa azincutshe zokwemba.
- Amabhenxa ahlala kumathafa anengca aseAfrika.
- Amabhenxa awanamazinyo.
- Amabhenxa akwabizwa ngokuba ziinxagu (lonto ithetha ukuthi ziihagu zomhlaba).
- Amabhenxa aphuma ebusuku kuphela.



USamuel uyacinga. Indoda enobubele ibenzela ikopi yomfanekiso webhenxa. Iwunike uSamuel. USamuel usacinga.

“Amabhenxa aphuma ebusuku kuphela,” utsho uSamuel.

“Ewe.”

“Ngoku sazi njani ngawo?”

Ingenelele indoda enobubele.

“Abaphandi bayawaqwalasela ngobunono. Abantu babeka iikhamera abaza kuthatha ngazo iifoto. Abantu babhala iincwadi ezisichazel konke ngawo.”

USamuel acinge ngako oku. “Kodwa abantu bazi njani ngamabhenxa?”

“Babuza imibuzo!”

USamuel noMaryanne bayahamba bayagoduka.
USamuel uthule kakhulu. Ucinga ngamabhenxa.
Ucinga ngazo zonke izinto azaziyo ngawo.

Unqwenela ukuba ngase abone ibhenxa.



“Maryanne?” atsho.

“Ewe?”

“Singahlala kude kube mnyama sizokukhangela amabhenxa? Singathatha ithotshi sihambe sijonga ukuba akhona na amabhenxa apha? Singakwazi ukuyokukhangela ukuba ikhona na imingxuma ahlala kuyo amabhenxa? Singakwazi? Singakwazi?”

“Hayi.”

Ingaba akhona nyhani amabhenxa?

Ibhalwe nguLesley Beake • Imizobo nguTamsin Hinrichsen

Izimvo eninokuthetha ngazo

USamuel ebekhangela incwadi engamabhenxa. Hlobo luni lweencwadi othanda ukuzifunda?

Yeyiphi enye indlela anokuba ufumanise ngayo uSamuel ngamabhenxa? Uqhele ukulufumana njani ulwazi?



Umfanekiso

Unomdla kakhulu uSamuel kumabhenxa. Sesiphi isilwanyana sakho osithandayo sasendle? Zoba umfanekiso waso. Bhala igama lesilwanyana ngezantsi komfanekiso okanye ucele umntu akuncede ukwenza oku.



Ukufunda

Ungalusebenzisa ulwazi olusebalini ukubhala uluhlu "oluyinyani" kunye "nolubuxoki" ngamabhenxa?




Ukubhala

USamuel wabuza imibuzo emininzi ngamabhenxa kuba enomdla wokufumanisa ngazo. Bhala uluhlu lwemibuzo elishumi onomdla wokufumana iimpendulo zayo.



Ubuchule

Sebenzisa udongwe okanye udongwe lokudlala ukwenza ibhenxa.



Ukwenza

Dlala ingxoxo ephakathi kukaSamuel noMaryanne kwindawo yebali ephambi kokuba bafike kwithala leencwadi.

